

Ubutyebi bomhambi


Kudala-dala mandulo phaya, kwakukho indoda eyayinyoluke kakhulu. Nakuba nje yayisisityebi kakhulu, into eyayisoloko iyifuna yayiyimali eyongezelelekileyo.

Ngorhatya oluthile, umhambi osele ekhulile wafika emzini wendoda enyolukileyo.

“Oko ndihamba imini yonke,” watsho umhambi osele ekhulile. “Ndincede ndicela ukuphumla apha kwakho ngokuhlwa nje.”

“Mhhh,” yatsho indoda enyolukileyo. “Uza kundihlawula ngantoni?”

“Andinamali apha kum,” watsho umhambi osele ekhulile, “kodwa ngomso ndingakukhokelela ebutyebini obukhethekileyo size sabelane ngabo sobabini ...”



www.nalibali.org



www.nalibali.mobi



[nalibaliSA](#)



@nalibaliSA